


I IKOMITI ZEEWADI



**ILIZWI LABANTU ELITHE NGQO
KURHULUMENTE WASEMAKHAYA**



SINGABALAPHA

SIYAKHATHALA

SIYAKUNIKA

INTSHAYELELO


UMasipala waseOverstrand waziwa ngokusebenza kakuhle kwenkqubo yeekomiti zewadi, kodwa le nkqubo ingagcinwa kwaye iphuculwe ukusebenza kwayo xa uluntu Iuzibandakanya kunyulo kanye nokusebenza kwamalungu ekomiti yewadi. Unyulo. Iumiselwe uNovemba 2021 emva nje koNyulo looRhulumente beeNgingqi nge I Novemba 2021 kwiwadi nganye kwezili-14.

Ikomiti zewadi zithatyathwa njengenqwelo yokukhuthaza ulawulo olulungileyo kwinqanaba lorhulumente wengingqi ngokuthi zibandakanyeke kucwangciso, uhlahlo-lwabiwo-mali, ukubeka iliso nokuvavanya iinkqubo neeprojekthi. IKomiti yeWadi iquka uCeba weWadi kanye nabantu nabanye abonyuliweyo abangekho ngaphezu kweshumi(10) abamele imibutho / amacandelo kanye nemimandla eyakha iwadi, abahlali abakwimida yalo wadi kamasipala. Zonke iintlanganiso zekomiti yewadi kumela ukuba zivuleleke kuluntu ngokubanzi.

IKomiti zeWadi zikunye neForamu yeeNgcebiso kaMasipala waseOverstrand (i-OMAF) ziza kusebenza njengekhonco lonxibelelwano elisemthethweni kuyo yonke imibandela yeziwangciso-qhinga zikaMasipala ezichaphazela uluntu.

Ngenxa yoku, kabalulekile ukukhetha abantu abafanelekileyo, abakulungeleyo ukusebenza nabanezakho zokufezekisa imisebenzi yabo.

Le browutsha ikubonelela ngezona zikhokelo zibalulekileyo ezicatshulwe kwimigaqo yekomiti zewadi kuMasipaia waseOverstrand.



© CoGTA

IINQOBO EZISEMGANGATHWENI

- Ukwandisa intatho-nxaxheba kwidemokrasi, inkqubo yeekomiti zeewadi imema abahlali ukuba bathabathe inxaxheba
- ekulungiseleleni nasekuphumezeni isiCwangciso soPhuhliso esihlangeneyo esifinyezwa njenge-IDP)
- ukumiselwa kwenkqubo yolawulo lwemfezeko
- ukulungiselela uhlahlo-lwabiwo-mali lonyaka
- kwizigqibo zeziwangciso-qhinga ezimalunga nokubonelelwa kweenkonzo.
- AmaLungu eKomiti yeWadi kumele ukuba anike ingxelo kumalungu / amaqela akummandla wevoti (imibutho/amacandelo/ imimandla eyakha iwadi) ubuncinane rhoqo ngekota.

UNYULO

1. Abavoti ababhalisiweyo nabanamagama avela kumqulu wabavoti bewadi ethile bayamenywa ukuba bathabathe inxaxheba kunyulo lwabameli kwikomiti yawadi:
 - 1.1 Imibutho, (emele umdla othile wabahlali boluntu kuloo wadi, umzekelo ulutsha, abafazi, amaqela enkolo, iimanyano zabahlawuli-nkonzo, njalo njalo, ayivumelekanga imibutho yezopolitiko).
 - 1.2 Amacandelo, (amele amathuba omdla ofanayo (imibutho emele eminye imibutho) yoluntu umzekelo, imiDlalo & ezoLonwabo, iMpilo & iNtlalontle, njalo njalo);
 - 1.3 Imimandla eyenza iwadi, (emele umdla wommandla othile, umzi ubumelwane, ulwandiso, ilali kulo wadi.)
2. Umphathi KaMasipala uzakupapasha kumaphephanda engingqi isaziso sokusekwa kwekomiti yewadi kuzo zonke iiwadi zikaMasipala okanye iLungu leKomiti yeWadi ngokumema abatyunjwa bemibutho, amacandelo kwakunye nemimandla.
3. Imibutho / amacandelo evumelekileyo ukuthabatha inxaxheba kumele ukuba abe ebesebenza kulo wadi kangange nyanga ezi ntandathu(6) ubuncinane, ngaphandle kwemibutho esanda kusekwa enomndla ukumela amanini, ulutsha, abantu abaphila nokhubazeko kunye nabantu abadala.
4. Akukho qela lopolitiko, ceba okanye msebenzi kamaspala okanye nawuphina umsebenzi karhulumente(wePhondo/Zwelonke) kumele onyulwe.
5. Ulwenyulo lwe wadi komiti liza kubanjwa emini ukusukela ngo 10:00 uyoma ngo 19:00 ngomhla useza kubhengezwa nguMasipala.
6. Ubuncinane maybe ngamaqela amabini (2) emibutho kunye namacandelo ekumele ukuba yonyulwe njengamalungu alo komiti yewadi ngelixia intsalela kumele yonyulwe ngokwemimandla eyenza iwadi.
7. Unyulo luya kuqhutywa ngenkqubo yokuhamba-hamba, eya kufana okanye inkqubo elandelwa yiKhomishini yoNyulo eziMeleyo (IEC) ngeentsuku zonyulo.
8. Kuzakuvunyelwa kuphela abasebenzi bonyulo, uCeba weWadi kunye nabanye abokhi mkhanya ukuba bahlale ngaphakathi kwindawo yonyulo ngalo lonke ixesha lenkqubo yonyulo (yokuvota).
9. Yonke imithetho emiselwe iCOVID-19, ekhutshwe ngokweCandelo lama-27 (2) loMthetho woLawulo lweNtlekele, 2002, izakuqwalaselwa kuzo zonke iindawo zonyulo.

INYATHELO

1. Ikomiti yewadi kumele ukuba ihangane ubuncinane kanye ngenyanga ngaphandle kokuba iBhunga likwikhefu.
2. Zonke iintlanganiso kumele ukuba zivuleleke kuluntu kwaye naye nabani na uvumelekile ukuba athethe nekomiti.
3. Iintlanganiso kumele ukuba zingabikho ngaphezulu kweeyure ezi-2 ngaphandle kweentlanganiso ekupapashwa ingxelo yekota kuzo, nazo ekumele ukuba zingabikho ngaphezu kweeyure ezi-3.
4. Zonke iintlanganiso zoniko-ngxelo zekota kule ukuba ziqhutywe ngeeyure zokusebenza kukamasipala.
5. Amalungu eKomiti yeWadi okanye abamele wona kumele ukuba babuyekezwwe iindleko bawo ngokuhambelana neshedyuli ebandakanya uhlahlo-lwabiwo-mali olusebenzayo lukamasipala.
6. Ulawulo lukamasipala luza kubonelela ngeefomu ezahlukeneyo zenkxaso yokugcisa nolawulo ukuphucula ukusebenza kwenqubo yekomiti zewadi.
7. Ixesha lokusebenza ngokusemthethweni kwekomiti yewadi lihambelana ngqo nelo leBhunga.

UMGAQO WOKUZIPHATHA KWAMALUNGU EKOMITI YEWADI

Umgaqo yingqokelela yezikhokelo zokukhuthaza ukuphuculwa kokuziphatha kakuhle kwelungu ngalinye leKomiti yeWadi kanye nokwakha ubudlelwane obuhle kanye noluntu, ulawulo kanye neBhunga.

Ngokuthi atyikitye lo mgaqo, amalungu ekomiti yewadi athembisa ukufezekisa imisebenzi nezibophelelo zazo ngemfezezo, ubulungisa, ukunyaniseka nangaphandle kwemfihlo.

ENQUIRIES:

INGINGQI	II-WADI	INDAWO EKUYO I-OFISI	IINKCUKACHA ZONXIBELELWANO	
Kleinmond Administration	9 & 10	33 5th Avenue,	Umphathi oMkhulu: Kleinmond Admin	028-271 8400
Hermanus Administration	3,7,8 &13	1 Magnolia Street,	Umphathi oMkhulu: Hermanus Admin	028-313 8112
Hermanus Administration	4,5,6 & 12	1 Magnolia Street,	Umphathi: Hermanus Admin.	028-313 8921
Gansbaai Administration	1,2,11&14	Main Road	Umphathi oMkhulu: Gansbaai/Stanford Admin.	028-384 8300



Labantu elithe ngqo
local kurhulumente



Siyankhonza



Siyakhathala